IMVO ZABANTSUNDU
(NATIVE OPINION).

IPEPA **LAMAXOSA** LEVEKI ZONKE.] [LIHLAULELWA 3s. NGANYANGA NTATU.

IXABISO 3d.] KING WILLIAM'S TOWN, NGOLWESI-TATU, DECEMBER 23, 1885. [No. 60.

AMALAHLE ASE NDWE.

BANINI balamahle bagqibe nabapati bololiwe ukuba **bamane** ukulayishela kwa Komani (Queenstown),

300 TONS ZAMALAHLE

Ngenyanga: ezingangemitwalo e 80.

Abafuna ifulara abasakuzidinga kwisituba semingxuma yamalahle ne Queenstown. Akusakubako kubambezeleka ekulayisheni **amalahle** nasekuwatuleni e Komani. Indlela yenqwelo intle yonke isagudiswa ngokunye.
Inani yi nayipeni (9d.) ngekulu.

AMAZIMBA

NE

MBEWU Y0MBONA OBOMVU,

INTLOBO EZILUNGE KANYE.

KANJAKO

UMBONA OXABISO LILULA WOKU DLIWA

JOHN J. IRVINE CO

Ololiwe bakwa Rulumeni—Isebe lase Maxhoseni

Iholide ze Krismasi ne Nyibidala 1885-6.

ITIKITI ezibuyelelayo, ezixabiso lingagqitileyo kwibambo enye yokusinga pambili, ziya-kuqala ukunikwa kuzo zonke **Izitshi** ngolweai-Bini 15 December 1885. Unokubuya **Ngayo** umntu nangayipina **imini ngapambi** ko 30 January 1886.

Ukwenzela ababambi ngelixesha le **iHolide** Itreni **ziyakuhamba futi** ngapeza **kokuba** zibe **zisenjenjalo**. Uhlobo eziyakuhamba ngalo lofanyanwa kwizaziso ezofunyanwa ezi **Tishini**.

T.R. PRICE Umpatiswa
Kwi **Ofisi Ezinkulu**,
E Monti, December, 1885.

IZISULU! IZISULU!

J. no C. HEDDING,

KWIVENKILE YAKWA NGQIKA,

E-QONGE.

Bayayitengisa yonke **impahla** yabo yama Xosa bafuna ukuba itshayeleke tu kwakamsi-nyane.

Intengiso igala ngo Mvulo lo wanamhla.

Qondisisa kakuhle apo bakona kwivenkile yakwa Ngqika e-Qonce.

Nantso **int'** obukade uyifuna!

---;

Kuyafunwa! Kuyafunwa! Kufunwa!

IW*AKA LABANTU!!*

Ukuba liyekuhlola amaxabiso endiwarolayo

NGEZIKUMBA NOBOYA,

Nempahla etengiswa tsbipu ngokumangalisayo.

Kanize kuzilingela, kuqinisekile ukuba nobuya nize.
Abasebeke beza banelisiwe.
Ndicela abanoku funda ukuba batyele abangenako.
Ningayilibali indawo endikuyo

Kufupi nomzi omdala ka MSESANE,

Endleleni yomcancato we Nciba eya e **Ngqamakwe**.
Ndikwali Gosa le "MVO ZABANTSUNDU."

P. H. POTTOR.

September 14.

Inyama ne Zonka

Nento ezinjenge kofu ne swekile zitengeni ko

BOURKE NO MARSH,

e Nyutawuni nakwisitalato esipambi

C. MUSGROVE,

OTENGISA IMPAHLA ETSHIPU YENDLU,

Kwindlu Ekangelene no W. O. CARTER & CO., E QONCE.

Onoxesha bempahla yendlu batengiswa nguye ngemali encinane.

Unokubatengela abantu abakude impabla abayifunayo kwimisito eti ibeko e Qonce xa bete banqopisana naye.

Kaulese Imvo **Zabantu** ngabantu nge

Rheumaticuro

Elona Yeza Likulu leli lizwe lengqaqambo zamatambo nento ezinjalo.

Alikazanga lingancedi.

*Likwaluncedo **olukulu kukutyatyamba** Komzimba **licisine**, **Nakwintloko**, **Nakwezinye**.*

Benjenje ukulincoma abako **balilinga**: —

"Uti omnye zipele ingqaqambo (**ekubeni** besendinenyanga **ndiqaqanjelwa**) emva **kweeyure** ezine **ndiqalile ukulisela**, ndapumla kamnandi ebnsuku, into ebeudiueveki ndingnsayazi, ngoku ndipilili'."

Wenjenje wumbi: — "Eliyeza lindipilise **ngokungumangaliso**. **Bendibulawa sisinqe** inyanga ezintandatu kangangokuba bekusuka kube yinqaba ukuma ukuba ndike ndahlala. Bendingaaena kutoba kuba bendingeze ndibuye ndipakame. ibotile enye indipilise kanye."

Omnye uti: — "Benditwele ubuhlunga obukulu ngenxa yokuqaqanjelwa yintloko leminyaka **mibini** ndada ndathenga i Rheumaticuro, ndivuyiswa kuba ibotile ezine zindincede kanye."

"**Ndingarola,"** utsho omnye, "iponti ezintlanu ngebotile. Ngolwesi-Tatu olugqiTileyo ndite **ndakumtatela** ibotile yokuqala **umfazi** wam, wabengana **kupakama** ekoyeni nonyawo, enjalo inyanga; ugalo Mgqibelo uhleli esitulweni."

Uti omnye: "Lindenzelo kanye lonto ubute byakundenzela, nku **ndipilisa** ekutvatyambeni kwamatambo. Liyeza angaswela arnazwi okulincoma umntu, alisiyiyo **inkohliso njengamanye."**

Yiyo le enye inteto: "Wonke endimaziyo uditi makabe nalo, basancedekile bonke **abalilingileyo**, andikeva mntu lingamnceda. nga."

Ukuvakalisi imvo zabantu ngalo kungazalisa lonke ipepa.

*Eliyeza linoku yalczwa kuzo zonke izindlu **zamayeza**, nevenkile, otandayo **angalifumana** kumninilo nyokutuinela is. 6d. ngebotile, ongu*

JAMES JONES,

46 LONG STREET, CAPE TOWN.

I BRANDI

Elungileyo engapitikezwe nanto zinjengamanzi nezinya ezibululayo, itengwa ko

C. J. DOWELL & CO.,

BANK STREET,

E-QONCE

W. F. S. BOOTY.

Umteteleli kwi Nkundla yamatyala e-Kornani. **Umlungisi wemicimbi** nayipina aaingisele ematyaleni nakuyipina inkundla ipa kulo mandla. Ungumkuseli kwabana-matyala, waye kananjalo ebiza amanani ifanelekileyo. I Ofisi **ise** Town Hall e-Komani.

W. J. DEALY,

Umtumeli wempahla kwindawo ngendawo
noncedisa, abafuna ukutenga nokutengisa, ***e-Town** Hall, Kwisitora esinga pantsi ese-sitatu, No.* 3, *Kwinkundla ye marike.*

Uhlala aba nento eninz.i yombona, na **Mazimba**, ne Tapile, ne Bran, ne Kalika, njalo njalo, ayitengisa tshipu.

Amaxabiso alungileyo uyawanika ngento azinjengokutya.

*Impahla zamkelua nguye azitumele kumacal*ana *onke e-Koloni.*

Unombona omhle kuneno **ovela** pesheya kwe Nciba awutengisa **tshipu** kanye.

Imvo zabanstundu,

NGOLWESI-TATU, DEC. 23,1885.

IBASO LETEMBA.

KUYO yonke lempato igadalala ayifumanayo ngoku ontsundu ku Rulumeni, kubo bonke ubuxoki nokutyolwa okuhamba nayo, kuko ibaso elitembisayo esilibonayo tina. Amapepa endaba abanihlope angakwabantsundu, abafundisi bayateta, amadoda abalulekileyo amhlope liyavakala ilizwi lawo ngakwicala lontsundu. Akumzuzu kakulu ebekusiti kwelilizwe akuwuvula umntu umlomo ebuzela ontsundu akangelwe njengento engeyakwani. Oko u Rulumeni ubengenza nantonina ngomntu ontsundu makungabiko mntu ubuzayo, eke wabuza seleya kuntywiliselwa ngamazwi amabi, ati ukuba ungumfundisi amelwe kungcikivwa, kuba ingumfundisi osbiye umsebenzi wake wanxaxela kumabango lento zolaulo.

Ngezomini umfundisi obefumana ukunconywa ngobesiti kuyinto elungileyo maxa wambi ukulihambisa ilizwi ngentshutshe nangotywala pakati kwabantsundu. Atiywa ngezomini amadoda anjengo Rev. Dr. PHILIP nonyana wake u Rev. DURANT PHILIP, U Mr. SAUL SOLOMON, o Dr. BERRY nabanye abesuka bamele ukuba ontsundu ayifumane imfanelo yake. Ngumoya onjeke owabanga ukuba kungabiko budlelana pakati komblope weli lizwe nomntu ontsundu. Amawetu abone ukutetelwa kakubi nangomoya wokusongela nokubulala; abone abo bate baba nobuganga bokuwatetelela becekiswa benxwenywa. Abone abo bate baba nenteto embi ngakuwo bebekiwe benconywa, abona aba bexhunyiswa ngoloblobo kwakunqulwa ngalo u DIYANA ngemini zakudala kusitiwa "Mkulu u DIYANA wama Efesi." Into eninzi yabafundisi ayiwavakalisanga araazwi ayo, ngokoyika ukuba iyakubizwa ngamagama amabi anjengalawo ebesakubhekiswa kumadoda anjengo Rev. E. SOLOMON, Rev. H. KAYSER, no Rev. R. JOHNSTON abavuka bawapakamisa amazwi abo. Ngezomini yi *Argus,* yi *Mercury,* yi *Representative,* yi *Somerset Courant,* kupela amapepa abengati ontsundu awalese ngapandle kokungxwelera umpefumlo wake. Asingi singayilibala imigudu yamadoda ango Mr. SAUL SOLOMON O Mr. IRVINE no Mr. SAUER yokuvakalisa umxelo wabantsundu kwinkundla ye Palamente. Akumnandi kuti ukucinga ngesizinto; sizikubula kuba singxamele ukwalata inguquleko enkulu entle ekoyo ngoku. Ngumnqweno wetu ukuba amabenubentsu eminyaka engapaya kokuza ko Sir H. ROBINSON ablale eyincwadi evaliweyo. Ngoku sibona okunye. U Mr. DE WET uzama ngako konke anako ukuwumisa ngenyawo umzi ngokuti awunalo ilungelo emblabeni omi kuwo, ungoka Rulumeni, udlala ngenkosi namadoda akunjulelweyo pakati kwetu, ugalela umdali wezipitipiti pakati kwetu. Ukuba kuko nto ibifuneka ukuba kudutywe umzi ontsundu ude wazicana umfo wase Mabhulwini. Kumnandi kuti ukuti ekuyihambiseni lento nambla u Rulumeni ufumene ukucaswa okukulu ngamanene amakulu ase Mlungwini. Impato emdaka yenkosi nezibonda icasiwe; ihambiso mayelana nabantu base Batenjini ayifumananga mbulelo kubantu abamhlope abaninzi belilizwe; sibhala nje u Rulumeni no Mr. DE WET akafumene kupumla ngomcimbi wotywala.

Kwinteto ake wayenza u Mr. UPINGTON, inkulu yolulaulo, e Rini ucaswe kunene. Akahlutisanga mntu ngomcimbi wa Batembu Eteta ngeyotywala into usuke wati, ukuba abanakubumela utywala abantsundu mabanganikwa ivoti. Ngu Mr. SAUER owaka wati e Palamente lo Rulumeni ubutataka mayelana notywala. Siyakolwa kukuba ete amadoda anjengo Rev. J. A. CHALMERS no Rev. N. ABRAHAM ema e Rini, apo abedeshwa kona kunene u Mr. UPINGTON ukumcasa kwinqubo yebandla lake, amtyela ukuba akusakutulwa ade apele onke amacebo okuzama ukukwelelisa isilingo sotywala kumawetu pesheya kwe Nciba.

UMBULELO KU CANON WOODROOFFE.

•--------♦---------

Ezincwadi zabhalwa ngexeaba apa ekwaka kwavakala ukuba u Rev. Canon Woodrooffe ongumhloli zikolo pesheya kwe Nciba ubuyele ekupateni iramente yake e Somerset East. Sicelwa ukuba sizibhengeze: —

Transkei, October, 1885.

To the Reverend Canon Woodrooffe, M.A., Rector of Somerset East.

NKOSI, —Njengokuba siyintlanganiso ye Transkei Teachers' Association sinosizi ukuba sive ukuba namhla sahlulwe noma nobawo wetu, ngokuti ubuyele kwasemsebenzini wake wobufundisi, nakuba kunjaloke asinakusesike sisiti qutu, sesakufane senze intsholo enjengentsholo eyenziwa zinkomo zigxwala emswaneni wefileyo.

Sibulela ngokungapezu kwesinokukuteta ngomlomo nokukubhala ngosiba uhlobo oluncomekayo nolupolileyo obuvavanya ngalo abantwana, kwavakala ke ngokwenjenjalo kwako ukuba unomonde omkulu nongazenzisiyo wokunga uhlanga oluntsundu lungaqubela pambili ezintweni zokukanya—ode wacaciswa linqanam ote wapela ngalo kwikepekepe elixela ngokuma kwezikolo kwano. kuhambisa kwazo, kwabonakala ke ukuba ube lolunye uncedo olubangele ukuba ubu--ralarume babacasi bamalungelo etu bupute. Ekupeleni sikunqwenelela intlumo, ucwayito, nempilo ende kulomsebenzi wako ungcwele.

Sinembeko yokuba zezako izicaka ezikolekileyo

(Signed by 14 members of the Transkei Teachers' Association).

The Rectory, Somerset East, 24 Oct. 1885,

To the President, Secretary, and other members of the Transkei Teachers' Association.

Bafondini! Asikuko nokuba ndiyabulela incwadi yenu.

Ndite ndakuyityila wati qipu umbilini ndanesitukutezi, ndati kuhl' into namhla; kodwake ndakuyifunda, lapela ixala, ndaza ndonwaba. Nindenzele into emnandi endingasayikuza ndiyilibale.

Enye indawo, u Nongqwawuse unyanisile, inkomo ibilele, nisiti ifile, yabuya yavuka, ' zaqina izito. Ukuba ndisapilile nondibona ndigaleleka, kuba ndiyangena kanye kulomsebenzi wezikolo; umqala awusivumi ukuba nditete ezityalikeni, sendimelwe kukukangela usapo lwa Mamfengu nolwakwa Xosa nolwase Mbo. Ndiyancotuka kulomsebenzi endiwenzayo kwelilizwe, ndizakuba ngowakuni, andinako kodwa ukulitelekelela ixesha endiyakubako ngalo. Zonke izikolo zapesheya ko Mtata nezase Batenjini inxenye azikakangelwa nonyakanje, fan' ukuba ndidakuqala ngazo, koko ndingayikuzigqiba yambi kwe Krismasi. Ndiyatshona ngoku; ndobuya ndinivelele.

(Signed) HENRY R. WOODROOFFE.

ABALIMI NA BARWEBI

E-MARKENI.

E-QONCE (December 22).

Amaqanda, 6d to 1/2 ngedazini

Ibotolo, 7d to 1/6 ngeponti Irasi eluhlaza, 1/1 ngekuln Ihabile, 1/ to 3/6 ngekulu Ihabile (ebhuliweyo) 8/ ngekulu Itapile, 2/10 to 5/3 ngenxowa Umbona, 14/9 to 15/0 ngekulu Irasi, 3/ to 4/9 ngekulu Ibran, 3/9 to 5/1 ngekulu Umgubo, 7/ to 14/ ngekulu Imbotyi, 17/3 to 20/ ngekulu Inkuni, 5/ to 20/ ngeflara

E-RINI (December 21).

Ibotolo, 7d to l/9 ngeponti Irasi, 4/9 to 5/6 ngenxowa Ibran, 6/3 ngenxowa Amaqanda, ld to 1/3 ngedazini Ihabile, 1/3 to 2/ ngekulu Amazimba, 28/ ngenxowa Ikalika, 1/ ngenxowa Umgubo, 18/ to 24/ ngenxowa Umbona, 12/ to 14/ ngenxowa Ihabile (ebhuliweyo) 7/3 ngenxowa Itapile, 3/6 to 5/3 ngenxowa Inkuni, 10/ to 21/ ngeflara

E-ALVANI (December 18).

Ibran, 6/ to 7/6 ngenxowa Irasi, 8/ to 10/6 ngenxowa Irasi eluhlaza, Id to 4d ngesitungu Ibotolo, 1/6 to 2/6 ngeponti Amaqanda, 1/ to 1/9 ngedazini Ihabile, 2/6 to 4/ ngekulu Inkuni, 19/ to 25/ ngeflara Umbona, 18/ to 20/ ngenxowa Umgubo, 26/ ngenxowa Itapile, 14/6 to 15/6 ngenxowa

I OFISI yemicimbi yabantsundu ebisakuba kwi Church-square e Kapa, ifuduselwe kwizindlu ezindala ze Palamente, pakati kwalomyezo uwaziyo wena waka waya e Kapa.

U HON. J. W. SAUER M.L.A., utike e Alvani ngolwesi-Ne evela kwikaya lake elise Kapa. Woba neveki ezimbalwa pakati kwabanyuli bake.

ABAMNKELI be Mvo mababone ukuba lilungelo labo ukuzama abanye abanokutunda ukuba bazamnkele Im*vo,* kuba ukwandiswa nokusikeleleka kwepepa kupumle pezu komzi ontsundu ngokwawo. Kukwanda kwamagama okuya kusikutaza ukuba silandise ipepa. Huku! maungcne umzi kwangayo lenyanga!

IPEPA lase Mtata liti imofu ingene kwinkomo zalomandla.

ISIKULA sase Nxukwebe sivulwa ngolwesi-Tatu, 27 January 1886.

ISIVUNO sengqolowa asisihle njengokuba sibesikangelwe kwindawo ezininzi. Ingqolowa isuke yantshwenca.

U REV. CANON GIBSON, M.A., wase Ncolose, ku Tsolo, uza kutyelela e Ngilane ngo March ozayo, ukuyakulinga ukufumana uncedo Iweramente Pesheya.

KUTIWA indleko ebeko ngokutsha kwe- mpahla yesitora sika Messrs. Malcomess &Co. ifike kwi £350. Kucingelwa ukuba umlilo ubangwe ngomnye wabasebenzi abantsundu ote watshaya kona waqongqota ututu lwenqawa washiya, kanti umlilo uzakusuka upembeke.

"IMVO " imiselwe ukuba lipepa eliyakuvakalisa zonke izaziso zakwa Rulumeni kwasekuqaleni konyaka ozayo.

ABAFO abantsundu ababini balindiselwe ijaji e Alvani ngokusuka babhalele abanye ipasi bengenagunya lokwenjenjalo.

KWISITILI sika Lepoko, e Lusutu, kuvakala ukuba sebekwishumi linanye abagula yingqakaqa. Mnye oselefile.

INDAWO yobumantyi yomfi u Mr. F. J. Hodges e Swellendam inikwe u Mr. P. B. Bocherds, obese Fraserburg, eka Mr. Bocherds inikwe u Mr. M. A. Van Breda.

IMALI ebutwe pakati kwabamhlope e Dordrecht ibutelwa indleko zika Rev. J. D. Don, ifikelele kwi £13 13s 6d inani labantu abarolileyo ngabantu aba 28.

KWINTILONNO yase Lututu ngapaya kwe Komani kuzimele ababanjwa abasi xenxe ngo Mgqibelo ogqitileyo, onke lamadoda ibingamasela.

Usizi Pezu Kosizi.

[NGU MR. JONATHAN NANGU.]

E Qora, December 15, 1885

Nango amabala alusizi, enditi mna ukuwabiza Lusizi pezu kosizi kuba kubiwe ibokwe kwabulawa umninizo. Lento yotuse umzi apa, nditemba ukubanoninzi luyakuba njalo. Into yokuqala, kute ngomhla we 18 Dec., ndaya e Gcuwa kwa Rev. W. J. Hacker, ndabuya ndabuyelela, ndati ndiyafika ndaba sendihlatyelwa umkosi yinkosikazi ka Smith Posa, yati u Pauti ulahlekile ngepezolo (11 Dec.) kunye nebokwe yake. Ndasendibopa kwaoko namadoda amatatu, saya safika, satika into ka Smith Posa u Richard eyabile impi yakowabo, wayiti sa kwezo zihlambo ze Qora Amahliwana ukufuna, sifike ke sekuvunjululwe inyama emanzini emlanjeni, pantsi komzi ka Mshweshwe Ngaleka, kuteke nakwelo hlatana Lamahliwana kwafunyanwa isikumba, kwati kumzi ka Mshweshwe kwafikwa imbiza zixape amafuta nomiswane, kwabeke sekuhlwile, lati ilizwi elapuma-enkosini yalapa lisiti mababanjwe bonke abantu abasondele kulomzi ka Pauti, nenyama nembiza mazitwalelwe komkulu ; kwabanjalo ke. Ati amadodana amabini u Poni Mntwini no Eleni Mshweshwe, bati komnye ongu Ntozake Lamani, safa kukusindwa makatwale naye u Ntozake, kuba siyibe kunye lebokwe nomntu simbulele; ngokufupi axela kakuhle lamadodana. Isizekabani, kute xa kulalwayo weva umnini bokwe kukonkota izinja, wakangela akabona nto, walala kwakona, wapupa waxelela umlazi akuvuka kwase busuku, wati ndipupa ibokwe yam ibiwe, watsho iwaselepuma wafika okunene ingaseko ati kumfazi ndisaya kukangela kwa Mshweshwe, umzi okufupi; wambona umfazi ukuya kwake, ute akungena endlwini ka Poni wafika begqibela ipapu, ipekiwe eninzi abaleka amadoda amatatu nabafazi kwashiyeka u Poni. Ta! ndinibambile, wati omnye ewe siyavuma, yeyako ibokwe le, omnyeke watata intloko nofele, ute xa atata inyama wati u Poni hayi, yiyeke inyama kuba selusibambile, bapikisana ngenyama, suka kwangena lawa matatu amadoda selenentambo yokumbulala kuba bebesebeyicebile lento pambi kokuba alike, aseleyiposa emqaleni, wati umninibokwe, ndiyekeni sendiyiyekile nam lento zitateni ezinto zonke, bati, hayi, uyaxoka uyakubuye ungatsho ngomso, wanga uyakala kancinane bambulala. Bayakumfihla kwihlatana abati ngu Nepunepu, emva komzi ka Ngcayi, ukuze abe netyala. Kute nge Cawa 13 Dec. saya kumtata umntu akumxela apo amtihle kona amabada, saya kona kusasa, satika inzwana yomfo wakwa Tshaka ngemvelo equngquluzile kakuhle ilgokwemloda; kwalindelwa imantyi, yasuka yatumela ipolisa u Magengelele, wangcwatywa ko umntu. Okunye bamhlaba esiswini xa selefile bati bafuna ukukupa iqungu kubo ukuze bangafi, baye bebecebile ukuba aze abulawe ukuba utike beyitya, aye lamasela matatu ehlangene nelinye lomnye umzi ebengazani selifinize esibayeni—bati bakubaleka lati lona, heyi, heyi, sbar, sbar, sbar baqonda ukuba asitnninikaya basebesiya kuyitata kunye ibokwe.

inani lotnkosi ngomhla we Cawa 13 Dec., wawumayelana 120, senza ityalike enkulu ngalomhla emangweni, kunye narnasela lawo, u Daniel Mlanjana, washumayela ku Yizaya I. 1—4, ngokushushu, kwatandaza u Jonathan Nangu ngobuhlungu bentliziyo ekugqibeleni.

Uxolo nkosi nantsi enye indawana ishiyeka, ndiyakunqamla nditi, kute ko xa besesigqibile ukungcwaba u Pauti, kuba ubulewe ngobusuku bolwesi-Hlanu olugqitileyo wangcwatywa nge Cawa, kuba ngo Mgqibelo ebefunwa efihlwe ngatnasela u Poni no Ntozake no Elen no Kafile. Kwafika umantyi ngo Mvulo ukuza kunqika ingcwaba kwakona kuba ebengeko, kuba obubukosi bubi base-Mlungwini bupata abantu kepu ngati zintsana, yasuka yati inkosi u Smith Posa yawutobela umteto wemantyi ukuba banqike umntu selebolile ngokunqena ukupekuzwa, kuba obubukosi ngati buhla entla-kwenkundla, licekwa ukukupa umntu ebubondeni, kanti bobegazi nbukosi obu ; wabona ke naye umantyi ukuba umntu ubulewe ngentambo, (imantyi yetn ese Duty wa) elinye lalamasela iyawa lelakwa Kwaza Ecafutweni, belihambele apa e Qora lika Posa kanti liyaweza nobubi bakowalo ukubulala, lati ngokwalo lilinga ukubalaka alanceda nto, latika u Sijako selengapambile isibonda salo, igama lelo isela ke ngu Kafile Nebe.

Ibala Le Krikiti.

Nge 16 kudibene i Pioneer C. C. vs. Criterion C. C.; kungovuyo ukwazisa abasivelayo ukuba amagwangqa siwoyisile kanjako. Ikaba ladlala kakuhle, nakuba siiigasakugqiba xesha ngakubalula izenzo zomntu ngomntu, koxelwa zizikora ezi:—

PIONEER C. 0.

FIRST INNINGS.	SECOND INNINGS.
P. Kinner, c Lambole b Lamont 15	b G. Lamont ..... f>
N. Gosa, b Lamont ... 7	c Fisher b Fisher 35
R. Nukuna, b Lamont 0	b J. Preston 9
C. Ngece, b Preston ... 21	b Fisher 6
F. Dhlova, b Lamont... 2	c Lambole b Preston 0
F. Sixishi, c. Lambole b Lamont 0	Not out 0
f J. Tikana, b Lamont ...	0 b Fisher ..... O
S. Tshibo, b Preston ...	1 c Fisher b Lamont... <5
M. Liicalagala, c Noonan b Preston 8	b Lamont 6
P. Ligalagula, b Preston 1	c Jamieson b Preston 15
	J. Stephen, b G. Lamont 2
	c Read b Lranont ... 2
Byes..... 9	Byes ..... «J
Wides 3	Wides..... 4
Noballs 2	
70	79
	70

Grand Total I B

CRITERION C. C

FIRST INNINGS.	SECO
V. Garden, c Tshibo b Dhlova	3 c Dhlova b Nukuna ft
P. Read, b Kinner	1 b Kinner 1
J. Daniels, c Gosa b Dhlova	16 c Ngece b Nukuna... 8
E. Daniels, c Gosa b Dhlova .....; ...	5 c Kinner b Kianer ... 0
G. Lamont, c Kinner b Dhlova.....	0 b Nukuna .....o
J. Preston, b Kinner ...	6 c Nukuna b Kinner 16
D. Lambole, b Kinner	7 b Nukuna..... O
H. Noonan, b Nukuna	7 b Kinner 8
P. Fisher, run out	0 c Ligalagalab Nukuna 1 0
W. Jamieson, b Kinner	Notout 0
A. Falkenburg, not out	5 c Ngece b Nukuna... 0
Byes.....	5 IYides..... 2
Wides	2 Legbyes ..... s
Legbyes	is
58	t!)

Grand Total ... 106

Impawana.

Siyawuncoma umzi wakowetu ose Bekesdorp ngokwenzileyo mayelana nendleko zetyala lika Rev. J. D. Don. Kanti kute xum nje umzi uyasebenza. Ubute £4 Is 3d impi erole kakulu ite ga nge 5s. ubuncinane bemali ezirolwe ngabantu ngabanye bube **kwi** 3d. Inani elifake izandla libe 78. Nango umkondo. Besingazi tina ukuba ingaka impi entsundu e Bekesdorp, singalindele abantu abantli- ziyo ezibanzi kangaka kanjako. Kutiwa lemali irolwe ngapandle kwenteto eninzi yemitandazo nezikungo. Njengokuba **irolwa** ngabantu abahlwempuzekileyo, siva ukuba enye kuyo ayahlukile kulamalana yomhlolokazi elayaleze ngayo Itsbawe Lamatshawe ukuba maze akankanywe apo levangeli iyakushunyayelwa. Ingaba kuyakuyekelwa i Bekesdorp yodwana? Uyaneliswana yilonto mfundi? Kwanga akungebinjalo.

Isinga pambili, ibuya umva sinina imfundo yetu luhlanga oluntsundu? Lo ngumbuzo angapikisana ngawo kufanele amadoda, mhlaimbi apelele ekubeni anga- visisani. Eke sakuya ngezetu indlebe ngazo ezimini ngati siqonda tina kuyakunyikimisa ukolo lwesininzi esiti imfundo ibhekisela pambili. Kute ngenye Isabata kumzi omdala wasesikolweni owafu- ndisa kwanini kwabizwa ngumfundisi omhlope enye yamadodana ukuba imkumshele umfundisi lowo. Kwinteto eninzi yomfundisi kumane kubako lamazwi *"That is a fact:"* ete lendonana yetu "Lonto ke ngamafuta!" Ubengazama ukuzicacisaf umfundisi akwanceda luto wajokisa **UMhlobo** ukuti i "fact" ngamafuta. **imvo** zentlanganiso eyayibandakanye **umlisela** nomtinjana nempi endala ese iyivisisa inteto yase Mlungwini ungazifunela wena mlesi. Eyetu indawo siyifezile.

***

Yenjenje inkwenkwana eminyaka ilishumi linamihlanu, etanda ukuhluma kwe *Mvo* ukubhekisa kumzi wakowayo oselunengqondo: — "Msani ukukotama nto zakowetu nemali, lixesha ngoku ukuba irolwe kwakulenyanga. Imali, imali yepepa mzi yikupeni. Huku ke, nto zakowetu, ongalitatiyo ipepa uhleli nganeno kwenyweba. Ngumnka. nja oti izinto ziqubeka nje abe esetunzini." Maube nentloni umzi ukude ugqitwe ngumntwana kwinto yamadoda.

Enye imambaneyenjenje ukumemelela, kodwa kuti ngati bekungabukeka okunye zike imbongi zatabata nezinye izinto ezintle ezikoyo kweli letu zabonga ngazo

Pungula wasindwa mfo ka Jabavu
Diliz.' ulwandle, nkuni azibaswa waselublangeni Hi! gilikazi uyajuba pell nabakwanyana Bayajuba hluvana, ngcimamlilo **waseluhlangeni**. **Velela ntlanga** wase Lutukela
Nkunz'entam'inkulu,
Ezolwa nayo zakwapuk' intamo
Ndlov'emxelo yaselufhlangeni
Ekalimel' ezinye zadana, note. yiya wotukeln.
Tezela amavilazana. kuf ayayo mfo ka Jabavu,
Wawuvuselelwe yintonina,
Mayikumeleze ikusikelele izizwe zidane, Mtat' oqele ose Qonce,
Kebalinga apuka amazembe, taru taruni.
Asina egudfelana
Sasina isitunywa senyanga _ Zasina indaba, sasina *Inaidinii* lyasina *Imvo,* **nfo** ka Jabavu Ingw'idla ngamabala Taruindlov' ihinzw' itandazw' eluhlnugeni Inenc asinto inkulu yintwana edelekileyo Ukuvela kwayo, Kanti zoda zive zidane ezipambili Mfondini waseluhlangeni Nkunz' egqutn' Eqonce Zetuka ezinye kwimilambo nemilanjana Ulinde okuhle.

QEBEYI II. MEKENI.

Komgha, 23 Nov., 1885.

Aliwal North.

[NGUMBONELI.]

Umsebenzi wokubekwa izandla kuka Rev. J. Msikinya uhanjiswe kwityalike yabantsundu e Aliwal North ngolwesi-Tatu ngo 11 kuyo lenyanga ingu November, (11 Nov., 1885).

U Mr. Msikinya ungowokuqala umfundisi ontsundu welihlelo lama Wesile kutiwa "Primitive Methodist." Abafundisi abel e menywele lomsebenzi ibe ngu Rev. D. J. Pienaar, B.A., wetyalike ya Mabhulu (Dutch Reformed) no Rev. W. Hay, M.A., B.D. we U. P., ngapandle ko Rev. J. Smith owongamele elobandla apa e South Africa. Kobe lusizi kakulu ngokungafikeleli ko Mr. Hay ngenxa yengozi emhlele ngemini engapambili ebimlnlise pantsi. Uteke ngoko umsebenzi wahanjiswa ngo Rev. J. Smith no Rev. D. J. Pienaar. Umsebenzi uhanjiswe ngokuhlwa ngentsimbi yesibozo. Isihlalo satatwa ngu Rev. J. Smith, yayizele indlu ku. ngeko nendawana. Kuvulwe ngokuvunywa kwiculo lama 28 kwela Maxosa, kwatandazwangu Rev. D. J. Pienaar ngesi Bhulu ngomtandazo omfupi kodwa ushushu. Emveni kwawo kuleswe kwincwadana ka Pauloti Kwabasefilipi ngu Rev. W. N. Somngesi, isahluko sokuqala. Kute kwakugqitywa apo kwavunywa ngesi Sutu elainashumi 67, lite lakugqitywa u Mr. Smith wenza amazwana okutyila into intlanganieo engayo wati, lisiko letyalike yetu ukuba ubani nabani, ongena ubufundisi bayo abesebulingweni iminyaka emine, kuti ngayo yonke lominya. ka kufuneke ukuba apumele uviwo olutile aze amapepa ake atunyelwe kwi Conference kunye nengxelo engesimilo sake kwanoku- hambisa kotnsebenzi wake. Uteke oku u Mr. Msikinya ukwenzile. Uviwo lwake ulupumelele ngokukolisekileyo kakulu. **lsimilo** sake asibanga nandawo ikalazekayo, umsebenzi wake wacuma, ngokoke i Conference pesheya itnamnkele ngovuyo ukuba **abe ngumfundisi** opeleleyo nowokuqala **welihlele** e South Africa. Ute akugqiba ukwenza amazwana u Rev. J. Smith, wehla esihlalweni elandelwa **ngu** Rev, D. J. Pienaar bafika bema pambi ko Mr. Msikinya, waye u Mr. Smith epete i Testamente entsha walesa ngesi Ngesi ku II. Timoti iv. —1-5, walesa ngohlobo olunandipeka kakulu; **akukoya** ukulesa wayinika u Rev. J. Msikinya esiti litate ignnya elipeleleyo lokushumayela i Gospel, nayo yonke imisebenzi yobufundisi. Kwandula **ukuhanjiswa** umsebenzi osulungekileyo wokubeka izandla kutandazwa ngu Rev. J. Smith, kute kwakugqitywa akupakama u Mr. Msikinya, u Mr. Smith wambamba ngesandla wateta amazwi okumvuyela **kuba** namhla engnmfundisi ozeleyo wehlelo lakowabo. Ute akusiyeka satatwa ngu Rev. Pienaar ote naye engumfundisi webandla lika Krestu nje uyamvuyela u Mr. Msikinya, wati ukumbula ilizwi u Tixo owaliteta ku Abraham mhla wapuma kowabo, yena Inkosi eyati kuye, uyakumenza ukuba abe yintsikelelo, uteke embambe ngesandla: nditi nam ungesikeleleki kodwa koko ube yintsikelelo kubantu belilizwe. Emveni koku kuvunywe iculo lesi Sutu 68. U Rev. J. Smith wenza' isiyalo esibhekiswa kumfundisi (charge) sisekwe ku II. Timoti "iv. — 16, Zilumnkele ngokwako, ubonise indlela umntu ongumfundisi angazilumnkela ngazo; wati ufuna ukuba u Mr. Msikinya ake akangele ukuba mknlu kotnsebenzi, acinge izizwe ezingeka- liva Ilizwi ezililindileyo. Wati yena ucinga ukuba umfundisi ontsundu unokwenza **umse**benzi omkulu ngapezulv komhlope kwabantsundu, kuba yena wazana kakulu nabo ngamasiko nenteto yabo &c., wati ke umsebenzi osewenziwe ngu Mr. Msikinya wanga ungaba usisiseko somsebenzi asaza kuwenza. Kwavunywa iculo 27 kwawesi Xosa. Waza u Mr. Pienaar wenza inteto eyole kunene edla ngokubhekiswa ebandleni. Ute bazivile izinto ezitetiweyo ku Mr. Msikinya, yena ufuna ukubhekisa ebantwini, esiti nabo banemfanelo abafanele ukuzenza, kuba akungencedi nto ukuba nomfundisi olungileyo bona bengalungile. Wati ize bamhlonele bambeke, umfundisi wabo kuba esicaka se Nkosi, bamtande, bamtandazele; utsho wazicaza zontatu ezondawo. Egqibile kwavunywa iculu 69 ngesi Sutu, kwatandazwa, yacitwa **intlanganiso** 10 p.m.

Ngumsebenzi oqutywe ngokundilekileyo endite naxa ndiqele ukuwubona yangati ndiyaqala. Ndite kwasekungeneni **ndotuswebubuninzi** babantu, ndanqwenela ukuti yanga ngebeliqela **nabafundisi** mhlaimbi abe uko no Mr. Hay. Kodwa kute bakuhambisa umsebenzi ndabona sebengati baninzi, lati ilizwi ebelitetwa ngu Mr. Smith ukuvulwa kwentlanganiso elite asisedwa sino Malusi omkulu esizakubeka naye izandla lomzalwana wetu, ndabona, ndavuma ukuba ababodwa okunene. Sapuma singa asingepume ndayiqonda namhla into eyenza landoda ite Nkosi kulungile ukuba lapa masenze amapempe amatatu &c. Mhlaimbi asinto yazekayo kubafundi belipepa ukuba elisebe lebandla lika Krestu eliyi Primitive Methodist lisaqala ukufika apa e Africa abafunditi balo basebabini kupela, kuba owesitatu obese James Town ubuye wawela kusele u Rev. Smith no Nsikinya abase Aliwal North bobabini, ityalike zabo zise Aliwal zotnbini eya Mangesi neyabantsundu nese James Town, nese Rouxvile. Kobavuyisa abafundi belipepa abatanda **ukuva** ngomsebenzi ka Tixo, ukuva ukuba i Conference egqitileyo imisele i Komiti (Committee) ukuba ikangele indawo ezintsha ekufuneka kuqalwe umsebenzi kuzo, eyakuti lokomiti yenze ingxelo kwi Conference ezayo. Ngati ayakuba ngamaqela amatatu, elinye liyakungena empumala- nga elinye entshonalanga elinye pakati. Kwizigama zomlambo oyi Zambezi esikolwa ukuba eli lokugqibela iqela liyakugqita. Siyamvuyisa u Rev. J. Msikinya ngokupumelela kwake emsebenzini wobufundisi, wanga u Somandla anganaye.

Indleko ka Rev. J. D. Don.

Imali eseyituuyelwe kuti ngabantsundu ngaleveki ukunceda kwelityala yile: —

Mr. Cobus Mpondo (K W. T)
„ Green Damon (K. W. T.)

Transkei.

[IVELA KUMBHALELI WETU.]

Dec. 22, 1885.

Amadoda alomlambo uli Kobodi alila inyembezi ngonikondo oziswe nga Mabhulu. Kutiwa nga Mabhulu ungene koka Ntsimango umhlaba, kanti bona bayawupika. Inkomo ezibiweyo zintatu, eziinbini zibanjiwe emaseleni kwa Centane. Le yesitatu kutiwa idliwe ngabalapa; bagwetywe £14.

—

Isililo sisukela ekubeni ete amadoda emtyilela umantyi ukuba makatumele kwa Centane abuze kulomasela inyaniso yezinkomo. Suka umantyi ati le yesitatu ndiyibiza kuni rolani £14. Sibenile sonke isizwe sase Kobodi. Sova ukuba u Capt. Blyth wotinina yena. Siyamazi ukuba uyakuhlaba inyaniso.

